

# Esona sipho somhla wokuzalwa


Ibhalwe nguZaheera Jina Asvat

Imizobo nguChantelle kunye noBürgen Thorne



UZakariyya wavuka xa kanye ilanga likroba kwizikhewu zelaphu lefestile.

Yayingumhla wakhe wokuzalwa! UMama wayemthembise ngesipho somhla wokuzalwa esikhethekileyo. Emva kwesidlo sakusasa, uMama wancedisa uZakariyya ukuba ahlale kwisitulo semoto esingasemva.



UZakariyya weva izinja zikhonkotha neekati zikhala.

“Mama, siphi?” wabuza.

“Size kwindawo ekhetheke kakhulu apho kukhathalelwa khona izilwanyana. Ibizwa ngokuba yiSPCA.”



Bangena kwiingcango zeglasi babuliswa linenekazi elinxibe iyunifom ezuba.

“NdinguGqirha Molefe. Namkelekile eSPCA.

Ndingugqirha wezilwanyana, obizwa ngokuba yi'vet' ngelinye igama. Ndikhathalela izilwanyana ezigulayo.”

UMama wathi, “Size apha ukuzakwamkela iikatana ezimbini sigoduke nazo.”

“Iikatana ezimbini?” wabuza uZakariyya.

UGqirha Molefe wabakhokelela kwizindlu zezilwanyana.

UZakariyya wabona iikati neekatana ezininzi.

UGqirha Molefe wafaka ikatana ejinja nenye emhlophe namnyama kwingobozi ekuphathwa ngayo iikati.

UMama wasayina amaphepha okwamkela iikatana waza wahlawula nemali yokuzamkela.

UZakariyya waphakamisa isandla ebhabhayisa kuGqirha Molefe.



Emva kwexesha xa kutshona ilanga kuphuma inyanga, uZakariyya wazisonga ebhedini neekatana zakhe.

“Mama, uGinger noLiquorice zezona zipho zincomekayo zomhla wokuzalwa endakha ndazifumana!” wahleka uZakariyya.

# Esona sipho somhla wokuzalwa

Ibhalwe nguZaheera Jina Asvat • Imizobo nguChantelle kunye noBürgen Thorne

## Izimvo eninokuthetha ngazo

Uza kube uneminyaka emingaphi ngomhla wakho wokuzalwa olandelayo?

Singaba yintoni esona sipho sakho somhla wokuzalwa sigqwesileyo?

Ucinga ukuba bafike njani kwi-SPCA uGinger noLiquorice?

Kusapho lwakho, ingaba niyanikana iziphos zemihla yokuzalwa? Ngoba okanye ngoba kutheni kungenjalo?



## Umfanekiso

Ingaba unaso isiloqabane, okanye unqwenela ukuba naso? Zoba umfanekiso wakho unesi siloqabane.



## Ukufunda

Fumana ezi zinto ebalini:

★ iingxolo ezimbini ezenziwa zizilwanyana

★ amagama emibala amathathu

★ inani elinye

★ izinto ezimbini esizibona esibhakabhakeni

★ igama lesidlo



## Ukubhala


UZakariyya wayefuna intshontsho lekati ngomhla wakhe wokuzalwa. Ukuba ngaba kukho nayiphi na into obuyifuna, bhala uluhlu lweziphos zomhla wokuzalwa onokuzikhetha.



## Ubuchule

Sebenzisa ibhokisi yekhadibhodi ukwenza isithwali sekati eso sifana nesisebalini.

Uze ke usebenzise udongwe lokudlala okanye udongwe ukwenza uGinger noLiquorice uze ubabeke kwisithwali sakho sekati.



## Ukwenza

Yenza ngathi unguZakariyya uze ulibalise kwakhona ibali ungasebenzisi nawaphi na amagama. Sebenzisa iintsukumo zomzimba kuphela ukubonisa into eyenzekileyo ngomhla wakho wokuzalwa.

